basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

CANZIBE/SILIMELA 2026

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha *Tyhila iphepha*

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Kukuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yobunkokeli.√
Kukuzibandakanya kwiinkqubo ezingaphandle kwamagumbi okufundela.√
Kukuzibandakanya kwimisetyenzana engaphandle kwamagumbi okufundela.√
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

1.1.2 Kukukwazi ukuziphatha√ nobunkokeli.√ (2)

1.1.3 ... ngaxa limbi.√ (1)

1.1.4 Maninzi.√ (1)

1.1.5 B√/B engeyonxalenye yezifundo√/engeyonxalenye yezifundo.√ (1)

1.1.6 Bubuchule bokukwazi ukulaba ixesha lakhe√√/bubuchule bokulicwangcisa ixesha lakhe.√√ (2)

1.1.7 Libhekiselele kwizikhundla.√ (1)

1.1.8 Yeyokuba abafundi bazamkela izikhundla ezingahlawulelwayo kuba beneenjongo ezizezabo√√/yeyokuba abafundi bazamkela benethemba lokufumana amava√√/yeyokuba baneenjongo zokuzamkela izikhundla ezingahlawulelwayo.√√ (2)

1.1.9 (a) Sesokuzigqatsela unyulo lokuba ngummeli wabantu abangamadoda ngokwesini, kwikhansile yeyunivesithi afunda kuyo.√

(b) Sesokuvuleka kwakhe ingqondo malunga nezidingo zabafundi ngokuphathelele kwezempilo nentlalo√/ sesokukhula ngaphakathi kuye ulangezelelo lokuba lilizwi labafundi.√ (2)

1.1.10 Kunjalo, kuba uthi siyakunika ithuba lokuvula iingcango namathuba bafumane ubomi obungcono.√√ (2)

1.1.11 (a) Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)

(b) Le nkcaza ithetha ukuzincoma √/ukuqhayisa ngawe √/ukuzingca.√ (1)

1.1.12 Andingqinelani, kuba akukho bungqina bokuba xa umntu athe wazibandakanya neenkqubo zabafundi nemibutho yabo oko kuwenza ande amathuba okufumana umsebenzi.√√

OKANYE

Ndiyangqinelana, kuba kwezinye iindawo abaqeshi bayawabuza amava umntu anawo wobunkokeli kungenjalo amaqela nemibutho yentlalo azibandakanye nayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.13 Sesokwenza intetho esidlangalaleni.√
Sesokusombulula iingxaki.√
Sesokunikezela ingxelo.√
Sesokucwangcisa iipolisi.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.14 Kukufuna ukuba umntu asebenze iiyure ezininzi.√√ (2)

1.1.15 … kukulumkisa.√ (1)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Kuhleli utitshala nabantwana ababini uLungi noYanda, uLungi uyathetha.√√ (2)

1.2.2 Kunjalo, kuba ujonge kuLungi.√√ (2)

1.2.3 Zisixelela ukuba ugxininisa uluvo okanye umba othile kwintetho yakhe√√/ukuba oku akuthethayo kumalunga naye kuba uzisondeze kuye ezivulile.√√ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
    - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
    - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
    - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
    - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
    - 2-3 iingongoma ezicatshulwe ngqo : Makanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO		**IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO**
1.	'Ufumana isakhono sokukwazi ukunxibelelana neendidi zabantu abanemvelaphi eyahlukileyo kunawe.'	1.	Uxhobiseka ngendlela yokuthetha nabantu abasuka kwiindawo ezingafaniyo neyakho.
2.	'Loo nto ikwenza ufunde ukuthatha uxanduva lwezigqibo kunye nolwezenzo zakho.'	2.	Oko kukufundisa ukuthatha uxanduva ngezigqibo nangokwenzayo.
3.	'Ubomi baseyunivesithi ke ngoko bukhulisa kuwe isakhono sokuzikhuthaza.'	3.	Ukufunda eyunivesithi kukwenza ukwazi ukuzikhuthaza.
4.	'Intlalo yaseyunivesithi ikhuthaza ukuba ukwazi ukuzimela.'	4.	Ubomi baseyunivesithi bukufundisa ukungaxhomekeki.
5.	'Ukwazi indlela yokucwangcisa imali yakho ngokwenkcitho nengeniso sisakhono osifunda ikakhulu xa ungumfundi waseyunivesithi.'	5.	Xa ufunda eyunivesithi ubanobuchule ekuchitheni nasekongeni imali yakho.
6.	'Ubomi bokuba ngumfundi benza ukwazi ukuziqoqa.'	6.	Xa ungumfundi uphela uziphethe kakuhle.
7.	‘Kwakhona, bukufundisa nendlela yokucwangcisa ixesha lakho ngendlela eyiyo.’	7.	Bukwakufundisa ukuhlela ixesha lakho kakuhle.
	[60 amagama]		**[41 amagama]**

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ukumakisha iCANDELO C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi eziphelelelyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi eziphelelelyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZONTENGISO

3.1 Kwiibhegi zokufaka i-*laptop.*√ (1)

3.2 A√/A isibaxo√/isibaxo.√ (1)

3.3 ... zodidi oluphezulu.√ (1)

3.4 Yimingxunyana yokufaka ii-*headphones.*√
Kukukwazi kwayo ukuzitshixa.√ (2)

3.5 Yidilesi. √
Kukutsala umnxeba.√ (2)

3.6 ... ukugxininisa umyalezo.√ (1)

3.7 Lwenzelwe ukunceda umthengi, kuba luzichaza ngokucacileyo ezi bhegi malunga nomgangatho wazo, imibala, inkangeleko nexabiso lazo, ngokusebenzisa amagama afana nala: 'udidi oluphezulu'; 'emihle', 'ngokugqwesileyo', 'ziyabengezela' 'ziyafikeleleka', lwazi olo ludingwayo kwaye lubalulekileyo kumthengi.√√

OKANYE

Alwenzelwanga ukunceda umthengi koko lwenzelwe ukunceda umthengisi kuba lulwimi olunika imifanekiso-ngqondweni nolunomtsalane ukuze umthengi azive engenakuzibamba ezinqwenela, de azithenge.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 Uthi ebethe kufuneka aphuhlise izakhono zakhe zobunkokeli.√ (1)

4.2 Kwenzelwa ukubonisa ukuba uthethela phezulu√√/ukubonisa ukuba uyakhwaza√√/ukubonisa ukuba nguye othethayo.√√ (2)

4.3 C√/C ukuzithethelela√/ukuzithethelela.√ (1)

4.4 Kunjalo, kuba uMphathi umbona engenazo uthi makaye kuziphuhlisa kanti yena uMnu. Pablo uqinisekile ukuba ukugxeka sisakhono esisesona siyimfuneko kwaye ude azixele ukuba unaso.√√ (2)

4.5 Ngowokuba iinkokeli maziphuhlise izakhono zazo√√/ngowokuba akulunganga ukungabinazo izakhono zobunkokeli ukwisikhundla sokukhokela abantu√√/ngowokuba bakho abantu abasemagunyeni babe bengenazo izakhono zobunkokeli.√√ (2)

4.6 Ubonakala enenkathalo, kuba akamyekanga uPablo xa embona ukuba uyasilela kwizakhono zobunkokeli, umcebisile ukuba makaziphuhlise.√√

OKANYE

Ubonakala engenankathalo kuba asiva ezibandakanya yena ngendlela aza kumnceda ngayo uMnu. Pablo ukuze azuze ukuxhobiseka kwezobunkokeli.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

	5.1.1	… abadala.√ Lisetyenziswe lalandela isibizo√/landulelwa sisibizo.√	(2)
	5.1.2	(a) Isibizo esiyintloko-Abantu√	(1)
		(b) Isibizo esiyinjongosenzi-ulutsha√	(1)
	5.1.3	D√/D ixesha√/ixesha.√	(1)
	5.1.4	(a) nqwa√	(1)
		(b) ncam.√	(1)
	5.1.5	Nqwanqwadani ulutsha.√√	(2)
	5.1.6	Sisimelabizo sokukhomba√/sisikhombisi√/sisimelabizo sokwalatha√/Sisetyenziswe phambi kwesibizo√/ sandulela isibizo√/ silandelwa sisibizo.√	(2)
	5.1.7	Yintsingiselo yobuncinane ngokweminyaka yobudala.√√	(2)
	5.1.8	Ulutsha aloyiki ukuvakalisa uluvo lwalo.√	(1)
5.2	5.2.1	Iincwadi ziphethwe ngumfundi.√√	(2)
	5.2.2	Zonke iinkokeli ziphumelele ngokunyuka umnqantsa.	(2)
	5.2.3	Umfundi uphethe iincwadi, uyacinga√√/Uphethe iincwadi umfundi, uyacinga.√√	(2)
			[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80